**UMGAQO WOKUZIPHATHA**

**Imigqaliselo ekhokelayo**

1. Ilungu lekomiti yewadi:

   1.1 Kufuneka lenze umsebenzi wekomiti yewadi ngokuthembeka kwaye ngaphandle koloyiko, ukukhetha abathile okanye ukuthatha icala;

   1.2 Alivumelekanga ukusebenzisa isikhundla okanye amalungelo awodwa obulungu ngenjongo yokuzuza bucala, okanye ukuxhamlisa ngokungafanelekanga omnye umntu;

   1.3 Alinakho ukusebenza ngendlela ebeka emngciphekweni isidima, ukukhetha icala, ukuzimela okanye ukufezeka kwekomiti yewadi

   1.4 Malamkele imigqaliselo engokuthatha uxanduva eluntwini nakuwo onke amaqela ezopolitiko amelweyo kwibhunga;

   1.5 Malifikeleleke ekuhlaleni yaye maliqinisekise ukuba bonke abathatha inxaxheba bayangqinelana nenkqubela-phambili nemicimbi ekhoyo yaye banakho ukuvakalisa izimvo zabo kwiinkqubo zekomiti yewadi;

   1.6 Malamkele imigqaliselo yokungabi namfihlo ngenjongo yokukhuthaza ukuthetha phandle, ukuthembeka nokunyaniseka kubo bonke abathathi-nxaxheba kwinkqubo yokuthatha inxaxheba nokukhuthaza ukuthembeka nokuhlonela imfezeko yomntu ngamnye othatha inxaxheba nokuzinikela kwabo bonke kwiinjongo eziphambili zenkqubo leyo kusenzelwa ubulungisa kumntu wonke;

   1.7 Maliqwalasele ukwahlula yaye maliqonde iiyantlukwano ezinxulumene nobuhlanga, isini, inkolo, uhlanga, ulwimi, ubudala, ubume kwezoqoqosho nolwazi ngezesini, phakathi kwezinye izinto;

   1.8 Malihlonele zonke izimvo neembono kwinkqubo yothatho-nxaxheba loluntu. Malenze iinzame ezizodwa ukubandakanya abantu namaqela ayefudula evinjwe amathuba, kuqukwa amakhosikazi nolutsha kwimisebenzi yekomiti yewadi;

   1.9 Malenze isingxengxezo esinesizathu esivakalayo kusihlalo wekomiti yewadi xa engakwazi ukuzimasa intlanganiso.

2. Amalungu ekomiti yewadi makatyikitye uMgaqo wokuZiphatha, nekumele ukuba ulawulwe nguceba wewadi.

**UMgaqo wokuZiphatha kwaMalungu eeKomiti zeeWadi**

3. Iimfuno zoluntu

3.1 Amalungu ekomiti ngawo onke amaxesha makasebenzele iimfuno zoluntu lwewadi leyo;

3.2 Amalungu ekomiti makangasebenzisi izikhundla zawo ukukhuthaza iimfuno zawo okanye zoshishino lwawo. Ukuba kuthe kwabakho uchaphazeleko oluvelayo, elo lungu malizikhuphe kweso sikhundla

3.3 Indlela yokuziphatha kwamalungu ekomiti mayingaphenjelelwa okanye ilawulwe ziinjongo ezingafanelekanga;

3.4 Xa eqhuba umsebenzi wawo, amalungu ekomiti makangakhethi buso bamntu, amaqela okanye imibutho.

4. Iintlanganiso zeeKomiti zeeWadi

4.1 Amalungu ekomiti kufuneka azimase iintlanganiso zekomiti yewadi ezi-6 ngonyaka.

4.2 Amalungu akufunekanga angabikho ezintlanganisweni engasingenisanga isingxengxezo esibhaliweyo nangaphambi kokuphunyezwa ngusihlalo.

4.3 Ukungaphumeleli ukuzimasa iintlanganiso ezimbini zekomiti yewadi zilandelelana ngaphandle kwesizathu esivakalayo, uMphathi weBhungana ngokusebenzisana nosihlalo wekomiti yewadi uyakuthi athathe amanyathelo afanelekileyo ukuphakamisa le ngxaki kwilungu lekomiti yewadi nombutho lowo owathi watyumba elo.

4.4 Ukuba oku kuku-4.3 sele kwenziwe, [ ilungu lekomiti aliphumelelanga ukuzimasa iintlanganiso ezimbini zekomiti yewadi zilandelelana] maburhoxiswe ubulungu belungu lewadi kwaye kumiswe nentlawulo.

4.5 Amalungu ekomiti akuvumelekanga ukuba azibandakanye kwizenzo eziphazamisayo ngexesha leentlanganiso

5. Imicimbi yopolitiko

5.1 Amalungu ekomiti kufuneka aziphephe iingxabano zopolitiko phakathi kwawo yaye kukwafuneka ukuba aziphephe iingxabano zopolitiko phakathi kwawo, kuceba wewadi nakuceba wePR

5.2 Xa esebenzisana noluntu, amalungu ekomiti akuvumelekanga ukuba acalule ngokwezizathu zamaqela opolitiko, ngokwenkcubeko, ngokobuhlanga, ngokwesini, ngokokuzazi ngokwesini, ngokokukhubazeka, ngokwenkolo okanye ngazo naziphi ezinye izizathu ezinokuchazwa njengokucalula ngokungenabulungisa;

5.3 Xa eqhuba imisebenzi yawo amalungu ekomiti akavumelekanga ukuba athethelele iimfuno zalo naliphi iqela lopolitiko.

5.4 Amalungu ekomiti akavumelekanga ukuba asebenzise iintlanganiso zekomiti yewadi njengeqonga lezopolitiko okanye njengekomiti okanye ngeenjongo zokugaya inkxaso yopolitiko

ekonyulweni kwakhona njengelungu lekomiti yewadi okanye njengoceba wewadi kulonyulo olulandelayo lorhulumente wamakhaya.

**Ubhengezo**

INombolo yeWadi: ______________________________________________

Mna......................................................ndibhengeza ukuba ndiwufundile uMgaqo wokuZiphatha kwaMalungu eeKomiti zeeWadi kwaye ndiyawuqonda yaye ndiyavuma ukubopheleleka nguMgaqo wokuZiphatha xa ndisenza umsebenzi wam njengeLungu lweWadi.

Utyikityo …………………………… Umhla……………………………